Rhabu, rhabu

"Mama, kukhe kwafika
nkwenkwana apha ekhaya,
Yhe ngqo kwelaa selwana.
Ndayibukela kakuhle.
Yathulula, bho! bho! bho!
Yasela, rhabu, rhabu, rhabu!
Yhee ginyi, qongqololo!"

"Ewe mntwan' omntwan' am
Injalo loo nkwenkwana,
Igqiba mivubo neenyama ziseziko.
Ikreza zinkomo,
Ikreza zibhokhwe.
NguThunzana igama,
Lumka, ungabi njalo."

PRAESA

For more free multilingual language and literacy resources for children, visit www.praesa.org.za.

Malunga nesicengcelezo

Esi sicengcelezo simalunga nenkwekwana enyolukileyo, engena endlini isele lonke ubisi ize itye yonke inyama. Umama uyala unyana wakhe ukuba angaze afane nale nkwenkwe.

About the rhyme

This rhyme is about a greedy young boy who comes to visit and then drinks all the milk and eats all the meat. A mother warns her son not to be like this greedy boy.

Imisebenzi

- Zenzeleni elenu iselwa nisebenzisa udongwe okanye intlama yokudlala okanye nantoni na eninokuyisebenzisa.
- Silufumana phi ubisi? Ningancokola ze nidwelise izilwanyana ezisengwayo.

Activities

- Make your own *iselwa* using playdough/clay or any material you have.
- Where does milk come from? Talk together about the different animals we get milk from.

PRAESA

For more free multilingual language and literacy resources for children, visit www.praesa.org.za.